## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/ YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

## ISICATSHULWA A

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.1 | 1.1.1 | Kukufunwa kweencwadi zevenkile yakwaNtsibande ngabakwa-Makhwetshu√/liyelenqe lokuzama ukutshisa ivenkile yakwa-Ntsibande√/kukuthengwa kootsotsi nguNozililo ukuba babulale uMpumelelo.√<br><br>[Nasiphi isibini kwezi.] | (2) |
| | 1.1.2 | Kukuba uNozililo ubanga ivenkile ethengwe nguLungile ngelithi ililungelo lakhe.√√ | (2) |
| | 1.1.3 | Ngokungekho mthethweni√/ngondlela-mnyama√/ngamaqhinga.√ | (1) |
| | 1.1.4 | Kukuba ufuna aphakame amncedise ukuze bafumane le venkile√√/ Kukuba ufuna aphakame ngokukhawuleza.√√ | (2) |
| | 1.1.5 | B√/B Umbhali ubalisa ngokwakhe√/Umbhali ubalisa ngokwakhe.√ | (1) |
| | 1.1.6 | Ulilandele kuba waqabela kuyo yonke imiqobo eyayikho ebomini bakhe.√√ | (2) |
| | 1.1.7 | Localucalulo ngokobuhlanga.√ | (1) |
| | 1.1.8 | Ngexesha awayesesikolweni wayekhe akhale elele, akhwaze umlilo naxa kwakusitsha wabaleka ekhala.√√ | (2) |
| | 1.1.9 | Luzobo mayana√ kuba umbhali akasichazi ngokwakhe cacileyo isimo sikaNozililo koko usityhilela ngeentetho zakhe ukuze sizicingele.√ | (2) |
| | 1.1.10 | Akazange aphumelele kuba uMpumelelo wagula ngengqondo kuba abazali bakhe babesweleke ngomlilo wemoto ebabona ngamehlo.√√ | (2)<br>**[17]** |

## ISICATSHULWA B

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.2 | 1.2.1 | Ungutatomncinci wakhe.√ | (1) |
| | 1.2.2 | Wayencedisana noYolisa.√ | (1) |
| | 1.2.3 | Sikwinqanaba lesisombululo,√ kuba ibali liyasombululeka ngokutsha kukaNozililo kuba akukho mntu useza kumenzela amayelenqe uMpumelelo.√ | (2) |

1.2.4 Kukumsebenzisela ukuphembelela udushe olukule noveli√√/ kukumsebenzisela ukuqhubela phambili impixano.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.2.5 Ingumqondiso weshwangusha kuba uThamsanqa emva kokudibana nale kati endleleni wehlelwa yingozi yemoto.√√ (2)

1.2.6 UNozililo wayethenge ootsotsi ukuba babulale uMpumelelo suka babulala umtshana wakhe.√√ (2)

1.2.7 Ngenxa yengxabano kaNomakwezi nomyeni wakhe waqhuba uNomakhwezi engekho zingqondweni yaze imoto yabhukuqa, yatsha.√√ (2)

1.2.8 (a) (iii)√/(iii) Yinkosikazi kaNtongana √/Yinkosikazi kaNtongana.√

(b) (ii)√/(ii) Ngunyana kaLungile √/Ngunyana kaLungile.√ (2)

1.2.9 Wayethuthela uNomakhwezi iindaba ezimkhathazayo√/ Wathengela uMpumelelo ootsotsi√/Wenza iyelenqe lokutshisa ivenkile yakwaNtsibande.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.2.10 Ngamahlandinyuka obomi√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[18]**

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 Bayathandana.√ (1)

2.1.2 ULinda uxhalabile. √/akonwabanga.√ (1)

2.1.3 Wayenxilile. √ (1)

2.1.4 (a) (iii)√/(iii) Lipolisa elingumcuphi.√/Lipolisa elingumcuphi.√

(b) (i)√/(i) Lilungu lekomiti yaseMoonglow.√/Lilungu lekomiti yaseMoonglow.√

(c) (iv)√/(iv) Ngumnini weRio Cinema.√/Ngumnini weRio Cinema.√ (3)

2.1.5 Ngumbuzo-buciko, √ onenjongo yokubonisa ukuzisola.√ (2)

2.1.6 Luzobo -mayana√ kuba umbhali uthetha ngoLinda kodwa aye kuchaphazela uEddie.√ (2)

2.1.7 Sesokubulawa kukaEddie noLulama Zuma, √ isiphumo saba kukurhanelwa kukaLinda abanjwe. √ (2)

2.1.8 UDuma Hlelo walwa noHlobo kuba ekhusela uLinda√/UDuma Hlelo waya emapoliseni eyokuva ngokukhululwa kukaLinda√/UDuma Hlelo waveza ubungqina botyelelo lwamalungu ase*Moonglow* nokulahleka kompu kaLinda√/UDuma Hlelo yaba nguye kuphela owayehleli kwicala labaxhasi bommangalelwa mhla uLinda wayesemkhumbini. √

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

2.1.9 Yokubekwa kwento ngamandla de kuvakale isithonga.√√ (2)

2.1.10 Ngokuthi le mini ayibhale ngayo le leta ekhulula uEddie ukuba ahambe noLulama ithi kanti yile mini babulewe ngayo, loo nto yenza ukuba arhaneleke uLinda.√√ (2)
**[18]**

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 NguJoe Bumba.√ (1)

2.2.2 Wayefuna ukwazi igama lomnye umntu owayethenge i*Mink Coa*t efana nekaLinda e*Femina House*.√√ (2)

2.2.3 Lwaba yimpumelelo kuba akungalifumani igama lenenekazi elalithenge ibhatyi efana nekaLinda watsho waqala kutsha uphando, bavela ababulali bokwenyani.√√ (2)

2.2.4 Yimpixano yangaphakathi.√ (1)

2.2.5 B√/B Umbhali ubalisa ngokwakhe√/Umbhali ubalisa ngokwakhe.√ (1)

2.2.6 Kukuba uEddie wayengahambisani nembono yokuthengiswa kwentsangu *eMoonglow Night Club*.√√ (2)

2.2.7 Kwinqanaba lokujiya kwezinto√ kuba ngemini anxile ngayo uLinda yile mini uEddie noLulama badutyulwe ngayo.√ (2)

2.2.8 Ngumqondiso wokuba uLinda uyintombi esele inesoka elineenjongo zokuyitshata √√/ungumqondiso wokuba uLinda ungejiwe.√√ (2)

2.2.9 Senze ukuba ityala libhukuqelwe kuLinda.√√ (2)

2.2.10 Akukho nto ifihlakeleyo ingasayi kuvela.√√ (2)
**[17]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 3: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

### ISICATSHULWA E

3.1 3.1.1 Kukuba uMawonga ongumyeni wakhe uthandana noZanele kwaye uchitha ixesha elininzi kwaFuneka apho uZanele ahlala khona.√√ (2)

3.1.2 Kukuqala kukaMawonga ukusela utywala.√√/Kukusela kwakhe utywala.√√ (2)

3.1.3 Sesokuba uMawonga wayenxila ephangele.√ (1)

3.1.4 Esi sibini singabahlobo bakhe.√ (1)

3.1.5 Amazwi aveza ukuba uMawonga uya kuba sengxakini okanye engozini angenakuphuma lula kuyo. √ Aveza ukuba unosizi√/uxhalabile√/unexhala ngaye.√ (2)

3.1.6 C √ C Kukho imiyalelo yeqonga.√/Kukho imiyalelo yeqonga.√ (1)

3.1.7 Kwinqanaba lokujiya kwezinto√ kuba uMawonga uya ebheka phambili nesimo sakhe sokunxila.√ (2)

3.1.8 Luzobo mayana√ kuba isimo sikaZanele sichazwa ngabanye abalinganiswa.√ (2)

3.1.9 Zisetyenziswe njengomelo lwentlupheko.√√ (2)

3.1.10 Sasilungile kuba akuvumelekanga ukunxila emsebenzini.√√ (2)
**[17]**

### ISICATSHULWA F

3.2 3.2.1 Waya emzini wakhe√ (1)

3.2.2 Ukuba unosizi.√ (1)

3.2.3 Uye kumnyoka kuMadala usihlalo wekomiti yesikolo wathi akasaphangeli kakuhle, kwaye unxila emsebenzini.√√ (2)

3.2.4 (a) (iii) √/(iii) Umlinganiswa ongumphixanisi√/Umlinganiswa ongumphixanisi.√

(b) (iv) √/(iv) Umlinganiswa ongumchasi√/Umlinganiswa ongumchasi.√

(c) (i) √/(i) Umlinganiswa oyintloko√/Umlinganiswa oyintloko.√ (3)

3.2.5 UNdila uthetha ukuba uMawonga linxila elingasakwazi kuzinceda√, kanti uFuneka yena uthetha ukuba ubhubhile.√ (2)

3.2.6 Yimpixano yangaphakathi, √ kuba uthetha yedwa ithuba elide ezisola ngemali yabantwana bakhe.√ (2)

3.2.7 Ngowempindezelo.√√ (2)

3.2.8 Saba kukuzibulalela kukaMawonga kwaFuneka ashiye ubungqina bokuba ubulewe nguFuneka, uZanele noNdila.√√ (2)

3.2.9 Wathuma uLiziwe ukuba amthengele utywala kwaNomaxolo√/ wabuya wasela namakhwenkwe esikolo. √ (2)

3.2.10 Ufundisa ukuba umhlobo angakulahlekisa√/angakufaka engxakini.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
**[18]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 4: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu & EZ Guqa

4.1 **ISICATSHULWA G: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu**

4.1.1 EThekwini.√ (1)

4.1.2 Wazeka umfazi ngaphandle kokuwaxelela amadoda akwaNdlambe. √√ (2)

4.1.3 Luzobo mayana√, kuba umbhali umchaza ngokuveza into ayithandayo, utywala.√ (2)

4.1.4 Wathi akathengelwa ngabo iimpahla.√ (1)

4.1.2 (a) (ii)√/(ii) Ngumyeni kaNozukile.√/(ii)√/Ngumyeni kaNozukile. √

(b) (i)√/(i) Yinkonde yakwaNdlambe.√/(i) √/Yinkonde yakwaNdlambe.√

(c) (iv)√/(iv) Ngumama kaNokwanda √/(iv)√/Ngumama kaNokwanda.√ (3)

4.1.6 Ndakukhe ndibone ukuba iyawuphuma phi na le kaQolwana ozizekela umfazi ngaphandle kolwazi lwamaNdlambe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

4.1.7 Wayokuxelela amadoda akwaNdlambe ngesimo sikaNozukile sokuhamba angabuyi.√√ (2)

4.1.8 Yimpixano yangaphandle,√ kuba bahleli ngokuxambulisana.√ (2)

4.1.9 Yeyokuba masixabise ukuhlonipha abantu abadala bekhaya singazenzeli izigqibo ngaphandle kwabo.√√ (2)
**[17]**

4.2 **ISICATSHULWA H: ITUTU LASETIKITIKI – LL Ngewu**

4.2.1 ENew Zealand.√ (1)

4.2.2 Watshintshwa ngabazali bakhe kuba ititshala yakhe yayimbona njengomntwana ongenasimilo ehlaliswa phandle xa kufundiswa.√√ (2)

4.2.3 Umbuze imibuzo wade wathetha inyani.√√ (2)

4.2.4 Njengomfundi okrelekrele√√/njengomfundi ongamelaniyo nokuphinda-phindwa kwento enye.√√ (2)

| | | |
|---|---|---|
| 4.2.5 | Ngokuba isenzo sikaThobile sobusela unina asithathe ngokuba sesobuntwana nje, ngeli xesha uyise enembono yokuba ulisela kwaye oko akunanto yakwenza nobuntwana.√√ | (2) |
| 4.2.6 | Sikwinqanaba lokuyondelelana kwezinto.√ | (1) |
| 4.2.7 | B./B. Iziganeko ziyaqupha ukwenzeka√/Iziganeko ziyaqupha ukwenzeka.√ | (1) |
| 4.2.8 | Sisiganeko sokuba isidumbu.√√ | (1) |
| 4.2.9 | Ngumfanekiso-ngqondweni weliso.√ | (1) |
| 4.2.10 | Uluntu lwamamkela ngezandla ezishushu nangentlonipho. √√ | (2) |
| 4.2.11 | Isohlwayo esijolise ekuncedeni siyamakha umntu√√/isohlwayo esilulekayo sesona siluncedo. √√ | |
| | [Nayiphi impendulo echanekileyo] | (2) |
| 4.2.12 | Wagxothwa.√ | (1) **[18]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

## UMBUZO 5: *VUKANI MADODA KUSILE*

### 5.1 INKONJANE – VV Sigonya

5.1.1 Yinkonjane nengelosi√
Kufaniswa ukubhabha kwenkonjane nokwengelosi.√ (2)

5.1.2 Ubuhle benkonjane.√ (1)

5.1.3 Umoyana wayo ongephi utyhila-tyhila iimpiko zayo kuvele ubuhle bayo.√√ (2)

5.1.4 Atyhila ukuyibanga kwayo imbongi le nkonjane.√√ (2)

5.1.5 Iqaqambisa ezona mpawu zale nkonjane ezinomtsalane kakhulu kwimbongi.√√ (2)

5.1.6 A√/A Ngumbongo-nkcazo √/Ngumbongo-nkcazo.√ (1)

5.1.7 Imbongi ayikwazanga ukuthetha iphumelise.√√ (2)

5.1.8 Isitanza sesi-2 sinemiqolo emine kanti esesi-8 sinemiqolo emi-3.√√ (2)

5.1.9 Kukuzoba umfanekiso ocacileyo wendlela emile kakuhle ngayo le nkonjane√√/kukuchukumisa imizwa yokubona malunga nendlela emile ngayo inkonjane.√√ (2)

5.1.10 Imbongi yonwabile.√ kuba ulwimi elusebenzisayo lubonisa uchulumanco.√ (2)
**[18]**

### 5.2 FUNZELA ENZULWINI – SSM Mema

5.2.1 m√, ch √ (2)

5.2.2 Libhekisa kumantombazana namakhwenkwe√/kulutsha.√ (1)

5.2.3 (a) (ii) Amagwala akalungi kuba ubomi bufuna amagorha awomeleleyo anyamezelayo.√

(b) (i) Endleleni yempumelelo uhlangana naboyisakeleyo abaza kukutyhafisa, kufuneka ujonge phambili. √

(c) (iv) Ojonge ukuzuza impumelelo uyazilungiselela abe neenjongo ebomini.√ (3)

5.2.4 Luphindaphindo oluthe ngqo.√ (1)

5.2.5 Uthetha ukuba into engamandla ebomini kukulwa nemikhwa engalunganga oyenzayo.√ (1)

5.2.6 Libhekisa kubantu abafunzela phambili abanganikezeliyo.√ (1)

5.2.7 Uphuhlisa ukuba akululanga ukuba umntu alwe iinkanuko nezinto ezingakhiyo ubani azithandayo.√√ (2)

5.2.8 Kukukhuthaza.√ (1)

5.2.9 Ngumqolo we-18.√ (1)

5.2.10 Ngabantu abaye banikezela bangafunzeli empumelelweni.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

5.2.11 Ubomi ngumzamo bufuna abantu abanyamekayo nabanyamezelayo, abafungele impumelelo√√/kukuba ebomini impumelelo izuzwa ngokuzinikela nokuzingisa.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[17]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**